



Isalathiso: 20200818-7556  
Inombolo yefayili: 13/9/2  
Imibuzo: C Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0005/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso ngezeKharithulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaqquzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) neze-AET Level 4

**Isihloko: likhrayitheriya zokubalwa kwabagadi babaviwa abongeziweyo kwiimviwo zangoNovemba 2020 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC), kwezeSatifikethi seMatriki (SC) nakweze-AET Level 4**

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo 0001 ka-2020, yowe-26 Febuwari 2020, ngokumalunga nokuqeshwa kwabagadi babaviwa beemviwo ze-NSC, bezeSC kunye nabeemviwo ze-AET Level 4.
2. Imimiselo ephathelele kubhubhane weCovid-19 inyanzelise ukuba kutshintshwe inani labagadi babaviwa abafunekayo kwiimviwo zangoNovemba 2020 zeNSC.
3. Le ngcaciso imfutshane yazisa iinqununu nabaphathi bamaziko emfundo yabadala ukuba inani lomlinganiselo (*ratio*) lomgadi wabaviwa omnye kubaviwa abangamashumi amathathu (o.k.t. 1:30), ocaciswe kumhlathi 8.2 weNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMvavanyo 0001 ka-2020, **linokutshintshwa** ukulungiselela ukuthobela imimiselo ephathelele nokuqelelana phakathi kwabantu (*social distancing*) apho iiklasi zisetyenziselwa ukubhalwa kweemviwo.
4. INqanaba *Alert Level 2* le-Covid-19 elikhoyo ngoku nokuphunyezwa okuye kwasisiphumo somqathango wokuqelelana nge-1,5 iimitha isithuba phakathi kwabaviwa, zichaphazela inani labaviwa abanokubhala kwindawo yokubhalela uviwo nganye, ngokuxhomekeke kubukhulu bendawo yokubhalela uviwo. Umgaqo omalunga nokuqelelana uya kuhlala usebenza kude kufikelele ekubeni ubhubhane weCovid-19 ube uphantsi kolawulo yaye ibe sele itshintshiwe nemimiselo.

5. Apho kusetyenziswa khona amaholo ezikolo, inani lomlinganiselo (*ratio*) liya kusebenza yaye iholo linokuzaliswa lime ngeembambo ukuba nje uthathelwe ingqalelo umgaqo wokuqelelana phakathi kwabaviwa nge-1,5 yeemitha phakathi kwabaviwa yaye iholo lingenisa yaye liwungenisa liwukhuphe umoya kakuhle yaye iingcango neefestile zihlala zivuliwe.
6. Apho izikolo zisebenzisa iiklasi, uluhlu lwamagama abatyunjwa malwandiswe ngoluhlu lokulalelisa (*reserve list*) oluqulethe kuphela abagadi babaviwa basekuhlaleni abongeziweyo, apho kuyimfuneko.
7. Abagadi babaviwa abongeziweyo abatyunjelwe ukugada abaviwa eklasini ngokungqinelana neli nani lomlinganiselo litshintshiweyo lingu-1:20, elinyanzelekanga ukuba lifezekise umgaqo wokuqeshwa kwabagadi babaviwa ongu-50:50, yaye ke ngoko ngamalungu oluntu lwasekuhlaleni angaphezulu anokutyunjwa kule meko. Umgadi wabaviwa oyintloko makaqinisekise ukuba bonke abagadi babaviwa basekuhlaleni baqeqeshwe kakuhle, bayayiqonda imimiselo yeemviwo yaye basempilweni. Ubungqina bolo qeqesho mabugcinelwe iinjongo zophicotho-zincwadi.
8. Zonke ezinye iikhrayitheriya neenkqubo zokuqatshelwa nokutyunjwa kwabagadi babaviwa zisasebenza.
9. Inani labantu abavumelekileyo emisebenzinini (kuqukwa nezikolo) limiselwa
  - (a) ngokobukhulu bomgangatho wesakhiwo kwanokuba
  - (b) abantu banomgama obubuncinane be-1.5 yeemitha ukuqelelana obahlukanisayo kwabanye abantu.

Kucelwa kujongwe iMimiselo 5.4 no-5.5 weMimiselo ekhutshwe ngokoMthetho woLawulo lweNtlekele, ka-2002 (uMthetho 57 ka-2002), opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 43258 we-29 Apreli 2020. Ngoko ke, bangaphezu kwe-50 abafundi abanokufakwa kwiholo.

10. Ngokuxhomekeke kwi-Covid-19 Alert Level, zonke iinqununu nabaphathi beesekethe bamaziko emfundo yabadala mabalungiselele abasebenzi abasisigxina abongeziweyo ukwenzela ukunceda ekuhlolweni kwabaviwa, kwinkqubo yokufaka isibulala-ntsholongwane, nokukhokela abaviwa ngethuba lokwamkelwa kuviwo nakwinkqubo yokuhlaliswa kwabo, ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwemiselo esebenzayo yeCovid-19.

11. Zonke iinqununu nabaphathi bamaziko abakumaziko emfundo yabadala kufuneka ke ngoko bangenise:
  - (a) Uluhlu lwamagama abatyunjwa olusekelwe kwinani lomlinganiselo womgadi wabaviwa omnye kubaviwa abayi-30. Uluhlu lwamagama abatyunjwa malufezekise umgaqo ka-50% yootitshala kunye ne-50% yoluntu lwasekuhlaleni. Onke amaxwebhu axhasayo njengoko kuchaziweyo kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo 0001 lwango-2020 makaqhotyoshelwe kuluhlu yaye angeniswe kwi-ofisi yesithili ungalulanga owe-28 Agasti 2020.
  - (b) Uluhlu lokulalelisa (*reserve list*) lwabagadi babaviwa basekuhlaleni abongeziweyo luyafuneka ukwenzela ukufezikisa imfuno engummiselo yokuqelelana kwabantu apho kusetyenziswa khona iiklasi. Olu luhlu lwamagama atyunjiweyo malulandelwe mbo nenani lomlinganiselo otshintshiweyo womgadi wabaviwa omnye kubaviwa abangamashumi amabini (inani lomlinganiselo 1:20). Uluhlu lokulalelisa (*reserve list*), olukhatshwa ngawo onke amaxwebhu axhasayo okuqeshwa kwabagadi babaviwa basekuhlaleni, njengoko kuchaziweyo kwiNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo 0001 yango-2020, makangeniswe kwi-ofisi yesithili ungalulanga owe-28 Agasti 2020.
12. Olu tshintsho lucetywayo luxhomekeke kwi-Covid-19 Alert Level elizweni yaye iSebe leMfundo leNtshona Koloni linelungelo lokukutshintsha okanye lokukurhoxisa okukule ngcaciso imfutshane ukulungiselela ukuthobela iimfuno ezingummiselo zemigaqo nemithetho esebenzayo kunye nemimiselo yezempilo yeCovid-19.
13. Kucelwa iinqununu nabaphathi bamaziko emfundo yabadala kunye namagosa ee-ofisi zezithili zemfundo ukuba azise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi namalungu ebhunga lolawulo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULM NOVAVANYO**

**UMHLA:** 2020-08-20